NEWSPAPER AVAILABLE
AUG-SEP 2020

www.zibonelefm.co.za

ZIBONELE News

p.02
Schools reopen

Khayelitsha in it's darkest days

Ibhalwe ngu Ashia Nkontsa

Six years later, since the recommendations for Khayelitsha Commission of Inquiry into Policing were released, Khayelitsha is rated the second highest in a number of murders in the Western Cape. One of the questions that comes to mind relates to what happened to Makhaza Police station? A police station that was proposed more than six years ago, with an allocation of land where it would've been built and one of many things that had fallen through in Khayelitsha leaving women vulnerable without vigilant or rather efficient policing even though the number of women and children that are being killed is escalating.

continues on page 2

www.zibonelefm.co.za / News Hotline: 082 969 0921
WhatsApp: 062 814 1918
Call: 021 361 7109 / Zibonele FM 98.2 News

Xolisa Sindaphi – *Editor* / **Ashia Nkontsa** – *Project Coordinator*
Reporters: **Nomaxabiso Mgqawule. Zizipho Ninzi. Zoliwe Galeletyoba. Lusindiso Mayambela. Bongeka Ntlanga. Abongile Booi. Michelle Augus.**

Ibaswantsulisile ooso-mashishini abasakhulayo ikhorona

Ibhalwe ngu Olwethu Mboto

”Elona phupha lam kukuvula amathuba emisebenzi ndibengumzekelo ze abanye balandele ekhondweni”utshilo loka Mkhabile.”

Ukuqhwalela koqoqosho kwilizwe lomZantsi Afrika akuthwaxanga amashishini amakhulu kuphela koko nosomashishini abasakhulayo bazibhaqe sele kunyanzeleka ukuba baxoze mphini wumbi ukuzama ukususa ikati eziko.U-Ncumisa Mkhabile noneminyaka engama-27 ubudala noyinzalelwane yase-Mthingwevu kwilali yase-Cofimvaba kwiphondo leMpuma Koloni uzenzele udumo ngethuba eziqalela ishishini lakhe lefama yemifuno negxile nangakumbi ekulimeni i-Spinach nalapho aqale ngokuthengisa iinkukhu eziphilayo azithenge kwifama yeenkukhu ze angene umzi nomzi ukuzithengisa kwiphondo le-Ntshona Koloni e-Makhaza e-Khayelitsha nalapho sele efihle ntloko khona. U-Ncumisa uthi esona sicwangciso sakhe ibikukulima iipepile eziluhlaza kwinyanga yo-Msintsi nelelona xesha lasehlotyeni kodwa oko akwaphumelela ngenxa yokungabinayo imvelaphi kwezolimo nalapho kuye kwanyanzeleka ukuba angene kwiminatha yezonxibelelwano ukufumana iinkcukacha ngokubanzi.

Loka Mkhabile uthi kungoku-nje sele engumfama ovunyiweyo jikelele, kumhlaba awuqashileyo ekwaqashe abasebenzi abasixhenxe ebahlawula kwipokotho yakhe engafumani nkxaso kubani logama ababini kubo ebaqashe isigxina, Ukanti abahlanu kubo ngabasebenzi abangesebenzi isigxina.
”Elona phupha lam kukuvula amathuba emisebenzi ndibengumzekelo ze abanye balande ekhondweni”utshilo loka Mkhabile.
Nangona kunjalo u-Ncumisa uthi ufumene inkxaso kwisebe lezolimo kwiphondo le-Ntshona Koloni nelinikele ngezixhobo zegadi ezingundoqo. Uthi oyena mceli mngeni ahlangabezana nawo kukunkcenkceshela imifuno yakhe.

Lobby groups still maintain it is premature to open schools amid Covid-19

Written by Zoliwe Galeletyoba

Ever since schools began to open from the 1st of June 2020, Cosas as well as One South Africa Leader Mmusi Maimane have found no rest as they are fighting for the safety of learners and teachers . Meanwhile Department of education continues to open schools irrespective of the rise of cases in the Country.

Cosas had already started with their march in the Western cape in closing down schools. Cosas has closed about 15 to 20 schools in Province including Rhodes high school in Cape town and Cosat high school in Khayelitsha . “ we do not have certain schools that we attack , we are closing all schools in in the Western Cape more specially the ones with cases but refuse to close, therefore putting the lives of teachers and learners at risk” says Zandile Matyeni. She says the last protest they had was in Mossel Bay on Monday, joined by the NTT and BEC from here in Cape Town.

Leader of One SA Mmusi Maimane is one the few who are opposing the department of education’s decision of opening schools. Maimaine says his main concern is the inequality in the education sector, and the majority of schools are not ready and this is more evident in rural areas. He says some schools have not received any equipment of safety to operate during this time of Covid19.

The opening of schools has made community members angry, where in some areas schools were vandalised and set alight. On Monday, a grade 5 classroom in Marconi Beam Primary school in Milnerton was set alight . Even though investigation is underway, a resident who did not want to be mentioned says, “One of the reasons these schools are destroyed is because of the government’s decision to reopen schools” . The resident says that they do not want their children to fetch Corona and bring it unto them.

“my 6 year old cannot even tie his shoelaces to save his life , how are they able to survive wearing musk the entire day at school” Said the resident.

Meanwhile 9 year Lunikho from Luxolweni Primary School in Khayelitsha says they have resumed with schools since Monday and have been devided into two groups.

... cover story continues

On the latest crime statistics released by the South African Police Services (SAPS) for 2019/2020, over 2695 women and 943 children have been murdered in Khayelitsha. Ndithini Tyhido who is the Chairperson of Khayelitsha Development Forum stated that they also submitted their own recommendations to the Commission with no response and they support the SJC in its plight to make Khayelitsha safe. As Khayelitsha continues being in the dark we could not get a comment from National or Provincial office with regards to this matter.
Meanwhile, SJC commemorated the day, recommendations were released. Noma Masemola from Social Justice Coalition says “We saw a need in commemorating this day even though none of the recommendations came to life, we have to protect the people of Khayelitsha by educating and informing them by doing a series of events to address and draw attention to the systematic failures addressed in the Khayelitsha Commision of Inquiry. The events will include sessions that cover the law and legislation on Gender-based violence, political education on gendered systems of oppression, panels, psychosocial support and self-care and an exhibition detailing the experiences of gendered violence in Khayelitsha as a result of the systemic failures of the state.”

As Khayelitsha continues being in the dark we fell short ub getting a comment from National or Provincial office with regars to this matter.

BANCUME OLUKA BLANKETHE ABO BAXHAMLE KWIPHULO LESIBONELELO LE ZIBONELE FM

iZibonele FM ibambisene nabakwa Britos iseke iphulo lokunikezela ngeepasile zokutya kwabo baye baphulukana nemisebenzi yabo ngenxa ye Covid-19

Nonkosi

"Umsebenzi wam uphele ngoApril ukuqala kwe lockdown, ndandiphangela eSea point njengomsebenzi wokucoca ezindlini. Ndaagqibela upeya ngoko azange zendiphinde ngoku besendincedwa yimali yenkam nkam kaMakhulu ose Eastern Cape andiphe lonto akwazi ukundinika yona, akusekho misebenzi ngoku kule lockdown oko ndizama akhonto ivelayo. Ndiyabulela kakhulu kwiZibonele FM ngokundibonelela ngeGrocery ezokwazi nook ukuhlala ixeshana."

Zaza

"Mna ndiyi-Sex Worker, kunzima kakhulu ke kuthi oko kuqale le lockdown asisafumani ziClients njenge sqhelo, eyona nto ibuhlungu ke kukuba ngemali bendiyenza bendinceda iFamily yam yonke, ndibhatala iRent ndibeke nokutya etafileni ngoku nditsala nzima kakhulu. Ndiyavuya kakhulu kwisikhululo sethu iZibonele ngokungabina calucalulo nokundinceda ndiphinde ndibeke into ecaweni."

Bassie from Bardale in Mfuleni has been struggling for years since both their parents died a year apart leaving them in abject poverty. Bassie and his siblings depended on their parents pension for survival and when they died Bassie started recycling old stuff to survive. Sometimes he asks neighbours for food. The food parcel came very handy for him. He is very grateful for the assistance he received from our listeners.

Lumkile

"Ndaagxothwa ukuqala kokumiswa ngxi kweeNtshukumo kwaye kuba bendiliCasual zange kubekho nto ndiyifunayo ifana nemali emva koko ndibe bendineFamily bendiyinceda eEastern cape nalapa eKapa, oko ke ndandisokola ukusukela ngoko ukuzothi ga ngoku. Ndiye ndenza neenzame zokuba ndibhalise kuRhulumente wethu ukuze ndifumane isibonelelo kodwa ke oko ndilindile, ndiyabulela ke kuZibonele ngokungasilibali."

Pretty

"Ndilahlekelwe ngumsebenzi ngexa bekuqala lockdown, ibindim obeka isonka phezukwe tafile ngenxa yokuba umyeni wam engasebenzi yonke into endlini ibijonge kum. Siye sasokola ke nabantwana bam kakhulu ngoba into besesime ngayo yimali yendodla yomntana omnye kuphela, bendiye ndiphelelwa nalithemba ndancedakala ke kakhulu yiGrocery yaseZibonele. Inkulu gqitha into eniyenzele iFamily yam nibuyise ithemba lethu lokuba kuzolunga."

Nandipha

"Ndingumama wabantwana abahlanu sichaphazelekile ekuphelelweni ngu msebenzini ngeli xesha lokumiswa ngxi kwentshukumo kweli lomzantsi Afrika ndiye ndadendwa nanjengoko bendiphangela njengo mpheki kwenye ye Restaurants nezinze kwisixeko sase kapa . ndonwabile kakhulu ukuba ngomnye abaxhamle kwiziqhuma zokutya kwijelo losasazo nanjengoko kunzima ukuba silale sityile."

CORONAVIRUS

GENERAL PUBLIC HOTLINE:
0800 029 999
WhatsApp: **060 012 3456**

ADVERTISE ON OUR NEWSPAPER
Special OFFER
Spend R2000 or more and get two live reads on radio or spend R5000 and get 5 adverts and production free.
And a poster on Facebook.
NEWS EDITOR: xindaphia@ziboneleﬁm.co.za
PROJECT COORDINATOR: ashlan@ziboneleﬁm.co.za

Bafumene uncedo lweSanitary Towels abasetyhini eKuyasa

Ibhalwe ngu Zizipho Ninzi

Usomlomo we Palamente kwi Phondo letshona koloni umnu Masizole Mnqasela ebambisene nengxowa mali iNew Heritage Foundation banikezele ngamalatshana alungiselelwe abasetyhini xa sukuba besexesheni (Sanitary Towels), angamashumi asixhenxe anesihlanu (75) kumantombazana asakhulayo azidinga ngoku mmndla, kummndla wase Kuyasa eKhayelitsha. Oku kulandela ukuthwaxwa kanobomi koqoqosho lweli lizwe kukuvalwa kweentshukumo ngenxa yesifo seCovid 19 nto leyo ichaphazele ngamandla abasebenzi neentsapho zabo.

"Mna ndivuye kakhulu ndakuva ukuba uSomlomo wePalamente negqiza lakhe bazazokusipha okwentonga yomnquma i-Sanitary Towels kuba kaloku anqabile amathuba okuxhamla izinto ezinje ingakumbi kwelixesha sikulo kuba mna ndingomnye wabaphulukene nomsebenzi" Utshilo uNtombozuko Qweqwe nongomnye wabaxhamlileyo kwesi sibonelelo.

Uthi kunzima kakhulu ngeli lixa leKhorona kwaye ungumama kwanotata kwikhaya lakhe kangangokuba usebenzisa ilaphu xa ethe wasexesheni kuba akukho lula ukucela impahla yangaphantsi kananjalo ekwadlulisa umbulelo.

Emva kokuba kukhutshwe inani lolwaphulo mthetho lokubulawa kwabantu i-Khayelitsha ikwindawo yesibi-ni kwiNtshona Koloni ngokubanzi ngezinga lokubulawa kwabantu ingakumbi amanina nabantwana

Ingaba yeyiphi imiceli mngeni edala oku okanye ephem-belela obubu ndlobungela?

BMbaswana Iron Mhaga
"Msasazi kuyacaca ukuba amapholisa ahamba ecaleni umthetho afanele kutshintshwa angasebenzi kwiphondo elinye nkqo emveni kwe 6month's kudele be awelinye iphondo qha"

Mqondisi Mani
"Nxalenye yamapolisa kwezindawo zethu azit-shomi zoonqevu"

Dumisa Richmond Ma-awu
"UGovernment wephonda makatshint-she oomastishi abalapha eKhltsha aside abamhlophe qwaba ke"

Nyaniso Yengani
"Lento iqala kuthi bahla-li kuba siyabazi aban-tu abophula umthetho abathengisa iziyobisi abane-mipu engekho mthethweni sihlala nabo kunzima ukuba simanyane sibulwe ngok-wethu ubugebenga @ site B section UT"

EZABAHLALI

Simphiwe Kitchen Pikini
"Molweni en-kqubeni basasazi unobangela woku kukuba amapoli-sa wona kuqala atshomene naba nqevu@Strand"

Zola Velem
Msasi eliyinyani elithi khaloku lamapholi-sa ayazizi ezintwana end bona boyikisela umphefumlo wabo ababantu bangakha badutyulwa Koko ngubani osebanjiwe

BeYoutiful Nita Fezokuhle Kati
Eyonanto eyenza izinga labantu babulawe Buty-wala dear ayikho enye into...



Sicelo Maposa
"Msasi ndithin mna zezi-gun zengekho mthethweni maziqokelelwe ngokuba sibulalana sides singabantu abamnyana .sicelo apa edelft"

Thahla Ka Ndayeni Ngqola
"Ezi guns zingaka singayazi noba zisuka phi.in top of that akho mapolisa apha.ezi police station kulapho ahlala khona agudeke after shift zabo... akho msebenzi waba"

“Akukho kwalapho siya khona thina makabone ukuba loorhulumente wenu wenzani ngalonto”.

Ibhalwe ngu Abongile Booi

Lawo ngamazwi omnye wabahlali bendawo entsha yoogobityholo ebizwa ngokuba kuseCovid eKhayelitsha ngethuba ebuzwa malunga nesenzo sabo sokungena ngendlov’iyangena kulamhlaba esithi badikwe yeyokosa bengekayidli nevuthiweyo kukungafumani ngqwalasela ngakurhulumente wesixeko seKapa kumcimbi wezindlu.

“Sonele kukubhatalana nerent eziphezulu koomasitandi singahoyekanga kodwa kukho imihlaba ehleli nje ingenziwanto qha siyakhuthuzwa nje kulamabala” Utsho lo mhlali elugcalagcala ngumsindo.

Konke oku kulandela uqulukubhode obubandakanya amagosa onyanzeliso mthetho esixeko seKapa kwakunye nababahlali ngethuba benyanzelisa ukucanda iziza kwimimandla eliqela equka iKhayelitsha kwakunye naseMfuleni. Itshantliziyo lasekuhlaleni umnumzana Loyiso Nkohla uthi ababahlali bakhangela iindawo zokuhlala nangona ezo babeke kuzo zingekho mgangathweni kangako kodwa ucuntsu akafani nocwaka esenza umzekelo ngeendawo ezifana naseNdlovini kwakunye naseNkanini apho abantu bangena kwangendlela efanayo kodwa ekuhambeni kwethuba wade walungiseka umhlaba ukuba kungahlala abantu.

“Umzekelo abantu baseTaiwan bahlala kulandawo umhlaba ungekalungiswa ukusukela ngee 1980’s nabaseNdlovini ukususela ngo1997 basephaya kunanamhlanje, akukho kwanto urhulumente ayenzayo ngalonto ngoko nabaya bazakuhlala de kulunge lamhlaba” utshilo uNkohla.

LokaNkohla uthi babuzile kooceba abakula mmandla malunga noluhlu lwabantu abazakwakhelwa kulamhlaba kodwa badiza ukuba abanalo ololuhlu. Ngethuba ephendula kwizityholo ezibekwe lilungu lekomiti kasodolophu kwicandelo lokuzinziswa koluntu umnumzana Malusi Booi zokuba eMakhaza kubekwe amatyotyombe kwindawo ebekubekelwe ukwakhelwa abantu abangamakhulu amane nezakunyanzeleka ukuba uhlahlo lwabiwomali obelubekelwe olulwakhiwo ibuyiselwe kunongxowa. Umnumzana uBooi uthi banemigaqo abayilandelayo besisixeko malunga nokukhutshwa kwabantu kwimihlaba abangene kuyo ngetshova nanjengoko kukho imigqaliselo elandelwayo kwelixesha lokumiswa ngxi kwezinye zeentshukumo zoluntu kweli loMzantsi Afrika kodwa basajikeleza ezinkundleni ukuze bafumane imvume yokuthabatha amanyathelo.

I-SJC IBHIYOZELA IMINYAKA EMITHANDATHU EMVA KOKHUTSHWA KWEZIPHAKAMISO ZE-KHAYELITSHA COMMISSION OF INQUIRY

Ibhalwe ngu Bongeka Ntlanga

Umbutho wezobulungisa kwezentlalo i-Social Justice Coalition ubusingethe inkqubo egxile kwisini,amandla nobulungisa.Ngomhla wama-25 kulenyanga,lombutho ububhiyozela isikhumbuzo seminyaka emithandathu yokukhutshwa kweziphakamiso zekomishoni yophando e-Khayelitsha.Ukuphawulwa kolusuku,lombutho uneenjongo zokusingatha imisitho eliqela yokuqwalasela amagqwidi-gqwidi enziwa kulekomishoni yophando. Lemisitho iquka iiseshoni ezigxile kumthetho oqwalasela udushe olujoliswe kwisini,imfundo yezopolitiko kwiinkqubo zesini eziquka ukucinezeleka,inkxaso ngokwasengqondweni phakathi kwezinye.Inkqubo yemisitho iqalise kummandla i-Makhaza e-Khayelitsha nalapho bekufanele ukuba kwakhiwa isikhululo samapolisa kwisithuba seminyaka engama-20 egqithileyo.

LIVES LOST DUE TO TAXI VIOLENCE IN THE WESTERN CAPE

Written by Michelle Augus

Taxi violence has been a big issue in townships and industrial areas in the whole of the Western Cape for years. Since the beginning of the year 2020, about 44 taxi-related murders and 20 attempted murders have been reported in high-risk areas including Mbekweni in Paarl, Delft, Bellville, Bloekombos, Ceres, Masiphumelele and Nyanga. In March the murder spree that was named, Cape Town's taxi war, got a face and a name after taxi hitman Phindile Velem was sentenced to two life sentences in the Western Cape High Court. In 2018 Velem killed Nkosithandile Pango and Maliphakame Mgxwalisa at the height of feuds between rival taxi associations including the Cape Amalgamated Taxi Association (CATA), Congress of Democratic Taxi Associations (Codeta) and Hout Bay Taxi Association. This taxi war led to dozens of deaths when sporadic shootings occurred at taxi ranks across the City and the fight was reportedly about disputed taxi routes and access to customers.

In July, a total of six people were killed following taxi-related shootings in Nyanga and Philippi. The shootings happened on separate days during the same weekend. Three people were shot on Friday in Philippi while the other three were shot on a Monday morning in Nyanga. All of the victims were reportedly taxi drivers. Also in July, a 35-year-old driver was shot and killed at Eindhoven taxi rank in Delft after two unidentified men approached the area and randomly fired shots at taxi drivers at the rank. This shooting happened a day after Transport and Public Works MEC Bonginkosi Madikizela met with the provincial SA National Taxi Council leadership and taxi associations to find solutions to on-going shootings.

In August, gunmen killed two commuters in a taxi in Paarl whilst also killing a taxi owner Nkosiyabo Mhobo. In a seperate incident, the 14th of August,a commuter was killed while another commuter and a taxi operator was injured in a shooting at the Bellville taxi rank in the afternoon following previous shootings in the morning, the same day,leaving two taxi operators wounded.

Transport MEC,Bonginkosi Madikezela, condemned these incidents and claimed that it was a result of escalating tensions and violent conflict between rival members aligned to CATA and CODETA. The MEC met again with the taxi-industry leaders on the 17th of August to address this conflict and he called a meeting with his department officials and the City of Cape Town to discuss measures that needs to be taken to ensure the safety of commuters by all the taxi ranks where CATA and CODETA are fighting for control over routes.

Uncumo lubhalwe ebusweni kubathengi nakubathengisi botywala kukuvulwa kwebhelu lomsele

Ibhalwe ngu Zizipho Ninzi

Kubeluchuluman-co kubathengisi nakubathengi botywala emva kokuba umongameli welizwe loMzantsi Afrika umnu Cyril Ramaphosa enze intetho yakhe ngokuhlwa kwango Mgqibelo umhla weshumi elinesihlanu kule nyanga nalapho ebevula ukuthengiswa kotywala necuba nanjengoko ethe mabuthengiswe usukela ngoMvulo ukuya ngoLwesine ngentsimbi yethoba ze kuvalwe ngentsimbi yesihlanu emalanga. Ukanti umnu Christopher nongumphathi wevenkile enkulu ethengisa utywala nezinze kudederhu lweevenkile laseKhayelitsha kude kufuphi nevenkile yokutya uthi "bangene begxakathelana abathengi botywala kwivenkile yethu kwanyanzeleka sibafolise ngasemva nangendlela ebebaninzi ngakhona".

Uqhube wathi "senze imali eninzi kakhulu nanjengoko ibingathi yi 24 ka December".

Abanye abathengisi botywala bayakhala yile migaqo ibekwe nguRhulumente nanjengoko kubekwe imiqathango ethi abantu mababe ngamashumi amahlanu kwiindawo zentselo ngelithi abazukwenza mali xabezakuvumela abantu aba mbalwa kuba kaloku baxhomekeke kwiminyadala emikhulu ukuze benze imali. Baqhube bathi noko kunjalo, abagwebi nto kulonto bazakulandela imigaqo nemigqaliselo kuba nabo beneenjongo zokuncedisana norhulumente ukulwa ukunwenwa kwentsholongwane i-Corona.

Kusenjalo, ezinye zeendawo zolonwabo zithi azikabi nasigqibo zisithabathileyo malunga nokuvula ngokupheleleyo iingcango zazo.

"Mna ndinomdla wokwazi kuzokwenziwa njani ke ngoku xana inani ligcwele kube kukho abathengi abafuna ukubayinxalenye yololonwabo" la ngamazwi ka Asanda Nqevana esithi uyibona ngathi ayuzulunga lento yokwamkelwa kwenani elithile ezindaweni zentselo kwaye kulapho ulosuleleko luzakwanda khona kuba abantu abazukuzifaka izifonyo nanjengoko abantu benankani nangakumbi xabezithe rhatsha ngenyembezi zika victoria kungangabikho kwalo mgama ungange mitha nesiqingatha phakathi kwabo.

Bazakudibana nenyok'iphung'umhluzi onongiweyo abaqhubi abaqhuba bezintyintye ngobhelu lomsele

Ibhalwe ngu Abongile Booi

Nangona ilizwe loMzantsi Afrika lingene kwisigaba sesibini sokumiswa ngxi kwezinye zeentshukumo zoluntu kodwa kuphawuleka ngathi akukhange kubekho zingozi zendlela zingako kwisixeko sekapa. Oku kudizwe ngusomlomo wezakbe lakwandabazabantu uMnu. Richard Coleman esithi abakafumani zingxelo zingako nezothusayo ezibabaza iingozi zendlela. Kwangaxeshanye kwelinye icala umphathiswa wezothutho ephondweni umnumzana Bonginkosi Madikizela uthi bazimisele ukuqinisa umthetho ezindleleni kwilinge lokunqanda ukonyuka kwezinga leengozi zendlela. "siyayiqonda ukuba abantu kufuneka bebuyele emisebenzini, abantu kufuneka betyile kodwa siyabongoza kuluntu ngokubanzi ukuba lulandele imigqaliselo ebekiweyo kuba ke iCorona ayikapheli kwaye ke inganwenwa nangakumbi ukuba abantu abalandeli imiqathango bahlale emakhayeni abo naxa bezinkcinkca ngobhelu lomsele bakwenze oko ngenkathalo" kutsho uMadikizela. Usomlomo wabakwantsasana uNjengele Novela Potelwa ithi unoloyiko kakhulu nanjengoko ukuvulwa kokushishinwa ngobhelu lomsele kuvulwe ngaphambi kokuphela kwenyanyanga nanjengoko kusengangungqingetye ukuba apjefumle kule iveki. "Uloyiko lwam lolokuba kuvulwe ngaphambi kokuba uninzi lwabantu lurhole emisebenzini nantoleyo inokwenza kubenzinyana ukuphendula kuba ke kungasa ngomvulo sithetha enye into izinga lolwaphulo mthetho, iingozi zendlela nezinye nje izinto ezininzi" kutsho lokaPotelwa evakalisa inkxalabo emandla.

Ugxwala ngokunga unezigxala owasetyhini, egqushalazela ukungagqitywa kolwakhiwo lwendlu yakhe yesibonelelo sikarhulumente eKhayelitsha.

Ibhalwe ngu Nomaxabiso Mgqawule

Ukhal'ezimantshiyane esithi akukho namnye umnyango angawunkqonkqozelanga kwisixeko esimbaxa sase Kapa kwinzame zokufumana uncedo ukuze kugqityezelwe ukwakhiwa kwendlu yakhe yesibonelelo sikaRhulumente esele ineminyaka eliqela ingagqitywa unkosikazi Thembeka Mpethe (58) ongumhlali wako SST eKhayelitsha kwiphondo leNtshona Koloni. Loka Mpethe uthi amanzi angena kwindlu yakhe kwindawo yogobityholo ahlala kuyo nanjengoko kuxhaphake iimvula kweli phondo ngeli xesha lasebusika.

"Ndisesebugxwayibeni ukususela oko nanindibonile ngonyaka ophelileyo kwaye ngoku imeko iya isibambi nagakumbi kuba amanzi angena kweli tyotyombe ndihleli kulo ngoku ehamba nelindle, andisazi ngoku ukuba mandithini" kuzakuqaliswa kungekudala ukwakhiwa esenza uqikelelo lwenyanga yeDwarha njengeyokugqitywa kwezi zindlu.

Umama uMpete uthi le ndlu yakhe engade igqitywe ukwakhiwa nesele ilibhodlo ngoku ijike yalikhaya lezaphulimthetho. Ethetha neentatheli zeZibonele News, oka Mpete ebezibambe ngeenkophe iinyembezi esithi, imeko yendlu yakhe nakunxanelwe ngamandla ukude ahlale kuyo imphethe kabuhlungu kakhulu kwaye iyamchaphazela kwaye iyamgulisa emphefumlweni. Uthi uwancamile amagosa esiXeko seKapa ekwacela nawuphi na uMsamaria olungileyo onokumnceda aqgibezele ukwakha.

Ukanti icandelo lokuzinziswa koluntu kwisixeko esimbaxa sase Kapa siqinisekisile ukuba sinalo ulwazi malunga nokungagqityezelwa kwale ndlu kaMpete. Ilungu lekomiti kasodolophu kweli candelo umnumzana Malusi Booi uthi eyonanto ebibambezele ukuqgityezelwa kolu lwakhiwo lezindlu ebezishiyekile kula mmandla kukumiswa ngxi kwentshukumo zoluntu ngenxa yeCovid19, ethembisa kananjalo ukuba

Ulonwabo luhamba phambili kunetsholongwane enguBhubhane eParkini

Ibhalwe ngu Ashia Nkontsa

Kwiintsuku nje ezingephi emva kokuba ilizwe loMzantsi Africa lingene kumlinganiselo wesibini wokumiswa kweetshukumo (Level 2) apho kuvumeleke khona uba kungathengiswa utywala, kubonakala ngathi imigaqo ebekiweyo ayisakhathelelekanga kuyaphi nanjengoko kwindawo eyaziwa njengoba kuseParken ibigcwele inyakazela ngabahlali abebezonwabele kungekho nkathalo nangesifo esingubhubhane i-Corona Virus. Ongusaziwayo njengoMnini wendawo yakwa Ace ulikhuphe latsola ukuba akananto yakwenza nalandawo iseSpine Road, abantu baselela kuyo. Uthi eyakhe indawo ithengisa inyama kuphela. Ukanti amapolisa athi ayaqhubeka neenzame zokugcina ucwangco nokubanjwa kwemiqathango.

USergent Nyalambisa uthi; "Kwimpela veki esiphuma kuyo sizamile ukubasusa abantu kulandawo kodwa ke baye batsiba elikaphungela baqhubekeka bahlala yilonto ngoku sisebenza nzima ngokufumana isisombululo salandawo" Okwangoku kubonakala ngathi lendawo izakulungiselelwa uvalo-mazibuko ngabomthetho de kubekho isigqibo esithatyathwayo sesigxina.

I-Unite Behind ithi makonyulwe ibhodi yolawulo kaPrasa ngokukhawuleza

Ibhalwe ngu Xolisa Sindaphi

Umbutho ongekho phantsi kaRhulumente olwela amalungelo oluntu i-Unite Behind usiqhwabele izandla isigwebo senkundla ephakamileyo eKapa, sokuvakalisa ubugwenxa bukamphathiswa wezothutho kwilizwe loMzantsi Afrika umnu Fikile Mbalula ekuchongeni umlawuli weArhente yohambo ngololiwe i-Prasa. I-Unite Behind ithi isigwebo senkundla kwisikhalazo eyasifakayo sivula umtyhi wokuba kuchongwe ngokukhawuleza ibhodi yolawulo khon'ukuze zizinze iinkqubo zakwaPrasa. Inkundla igqibe kwelokuba inyathelo likaMbalula lokuqasha umnu Bongisizwe Mpondo njengomlawuli alichanekanga nanjengoko bekufanele ukuba uchonge ibhodi yolawulo.

Ukanti, umphathiswa uMbalula uthi uzakukhe asiphononge esi sigwebo phambi kokuvakalisa inyathelo. "Ndiwuvile umyalelo wenkundla ephakamileyo yephondo leNtshona Koloni. Ndizakulinda uxwebhu olupheleleyo lesigwebo ndize ndiliphononge ze ndicingisise malunga nalo myalelo kwanesigwebo sikaJaji Nathan Erasmus"

Kusenjalo, iUnite Behind ithi esi sigwebo sinika iPrasa ithuba lokubuyela kwisimo esisemthethweni.

Lucela uncedo usapho lukaNomvuzo Atoli olixhoba lakutshanje lokucinyw'igama

Ibhalwe ngu Abongile Booi

Ziphinde zantsinga kwakho iziganeko zokudlwengulwa, ukunukunezwa kwakunye nokubulawa kwamanina kweli loMzantsi Afrika. Oku kuza nanjengoko abahlali, izalamane, inkongolo yabafundi, iphiko lolutsha lombutho kakhongolose kwakunye namaphulo alwela amalungelo oluntu begxwal'emswaneni de bambi bayakubeka iintyatyambo apho ixhoba lakhutshanje lokudlwengulwa libulawelwe khona ngolunya ze lalahlwa ngokunga ngumthwalo wezono eKhalvari kwindawo yokulahla inkunkuma ePhillippi ngolwesithathu umhla weshumi elinethoba kwinyanga yeThupha.

UNomvuzo Atoli ubeminyaka ingamashumi amabini anesibini ubudala ngethuba esehlelwa sesisihelegu, kwaye usapho lwakhe luvakalise intlungu yokuba aluthathi ntweni nanto leyo yenza kubengamantsintsintsi ukulungiselela inkonzo yomngcwabo nolindeleke ukuba ubanjelwe kwiphondo leMpuma Koloni.

Udade wexhoba uLandiswa Atoli uthi babongoza nabani na okokubanoncedo aphose esivivaneni ukuze babenakho ukumenzela inkonzo yokugqibela benika imbeko kwixhoba, kwangaxeshanye kwelinye icala iphiko lolutsha kumbutho weANC beliyekuvela kwelakhaya nalapho banikele ngabakwazi ukufikelela kuko bekwakhweba noluntu ngokubanzi ukuba lunikele.

"Ukuba kukho umntu ofuna ukulandela thina anikele olwasapho luvulile ukuba ubani angakwenza oko kodwa banikele ngezinto ezifana nemifuno nezinto ezingaboliyo nanjengoko becinga ukuyakungcwaba kwiphondo leMpuma koloni ukuze zingonakali nabafuna ukunikela ngemali bangakwenza oko kolwasapho hayi kwiANCyl".

Kutsho uSikelelwa Nqwili ongumququzeleli weANCYL kwinqila yeDullah Omar.

Lenyanga ibuyise iinkumbulo kubemi beli loMzantsi Afrika najengoko kunyaka ophelileyo kwadlwengulwa kwabulawa ngokungenalusini intwazana ebingumfundi wedyunivesithi yaseKapa uUyinene Mrhwetyana.

IIMIDLALO NOLONWABO

‘ANDINABO UBUHLANGA’ utsho umlawuli weqakamba kweli loMzantsi Afrika Umnu: GRAEME SMITH

Ibhalwe ngu Manga Manga

Baphume elubala abo bebesayokudlalela iqela lesizwe loMzantsi Afrika kwi qakamba (Proteas) , ngendlela ababebukulwa ngayo ngabo bebeselulawulweni ngexesha bebedlalela eliqela.

Inzalelwane yakweli leKapa kwaLanga uThami Tsolekile ngomnye wabadlali ophume lubala etyhola lo ka Smith ngendlela egwenxa awayephetheke ngayo esengumdlali weliqela lesizwe.

Lo kaTsolekile ngomnye wabadlali abafunyanwa benetyala lokuthengisa imidlalo ngonyaka ka 2015 wanqunyanyiswa iminyaka eyi12 engathathi nxaxheba kwimidlalo yeqakamba, yenye yezinto athethe ngazo u Thami Tsolekile abhentsisa uba abo waye nqunyanyiswe nabo bafumana isigwebo esi ethe ethe kunesakhe kwaye wenziwa idini kuba engumntu ontsundu.

Abanye abadlali abafunyaniswa benetyala ngu Jean Symes 7 years , Ethy Mbalati 10 years , Pumelela Matshikwe 10 years.

Abadlali abanje ngo Makhaya Ntini , Thami Tsolekile, Alviro Pieterson ,Hashim Amla, Vernon Philander , Ashwell Prince , Herschel Gibbs & Paul Adams bonke babedlala phantsi kolawulo luka Graeme Smith bakhala ngokuphathwa gwenxa yile ndedeba ikhetha oozakubo (White Players) ngaphezu kwabo bantsundu benezakhono.

Lo ka Smith uthi lulwimi etywaleni uba wayekhetha oozakubo ngenxayebala labo kunaabo bantsundu koko evelisa into yoba wayekhetha abadlali ngokwesakhono sabo.

PSL GAMES KWI BUBBLE INGABA ABADLALI BAYALUVA ULWAMVILA LODLALA NGAPHANDLE KWABALANDELI?

Amaqela ebhola ekhatywayo eMzantsi Afrika kudidi lwabahlawulwayo I Absa Premiership kunye ne GladAfrica Championship ziqalile ngomhla we 8th August 2020 emva kokunqunyanyiswa iinyanga ezine ngenxa yobhubhani wesifo I COVID-19.

Amaqela amakhulu aqhele udlala phambi kwamawaka abalandeli , azibone edlala phambi kwezitule ezingenabantu ngenxa yomgaqo obekwe ngurhulumente ogunyazisa ukuba makungabikho ndibano yesininzi endaweni enye.

Yonke imidlalo idlalwa behind closed doors kwaye lubonakele ulwamvila longabikho kwabalandeli kumaqela amakhulu ukuncedisa unyusa umxakatho xa bephantsi koxinezelelo.

kwimidlalo emihlanu yokuqala khange kubekho kwa qela eliphumelela imidlalo emithathu ilandelelana lonto inikisa umdla kuba akhoqela lidelela elinye kwaye akhoqela liya ebaleni lisazi ukuba lingaphumelela.

Sports minister, Nathi Mthethwa, seeks answers after SA rugby players refuse to bend knee for Black Lives Matter

KUSENZIMA KWIMIDLALO YOMBOXO EMZANTSI AFRIKA

Ibhola yomboxo yenye ethwaxwe kwanobom sisifo se Corona Virus.

Amaqela akweli athatha inxaxheba kwi Super Rugby afana ne Stormers , Blue Bulls , Sharks & Lions azibona ebukele kumabonakude oogxa babo kumazwe afana no New Zealand noo Australia abasele beqalile bona udlala umbhoxo.

Amanye amaqela sele ebhengezile uba ayobuyela emabaleni kwi season ka 2021, lonto ibeka iqela lesizwe lombhoxo Amabhoko-bhoko kwimeko enzima kuba bekufanele seyiqalile ulungiselela imidlalo wovavanyo we Championship neqela I Australia.

Nangoku nje akukabikho mkhombandlela kwimidlalo yombhoxo kweli lomzantsi Afrika.